## ISIMEMO SOKONYULWA KWABAGQATSWA ABAZA KUSEBENZA KWIBHODI YEELWIMI YOMZANTSI AFRIKA (PAN SOUTH AFRICAN LANGUAGE BOARD) (PanSALB)

IBhodi yeeLwimi yoMzantsi Afrika (Pan South African Language Board) (PanSALB) yasekwa ngokomThetho weBhodi yeeLwimi yoMzantsi Afrika (Pan South African Language Board Act), 1995 (umThetho wama-59 ka-1995). Injongo yeBhodi kukujonga kunye nokuhlola ukuphunyezwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi kunye nokukhuthaza nokuphuhlisa iilwimi ebezihlelelekile ngaphambili.

UMphathsiwa wezobuGcisa neNkcubeko ngokungqinelana necandelo lesi-5(3) (a) lomThetho we-PanSALB ngale ndlela umema amalungu ommandla weelwimi kunye noluntu jikelele ukuba bonyule abantu abaza kusebenza njengamalungu eBhodi.

Abonyulwa kufuneka ibe ngabemi boMzantsi Afrika kwaye kufuneka babe nolwazi olubanzi kunye namava kummandla weelwimi, kwaye kufuneka bemele kangangoko abasebenzisi beelwimi ezisemthethweni kwaye babe nolwazi lweelwimi. Unyulo lwabantu abanobugcisa kwezomthetho, ulawulo lwezimali, ulawulo lwequmrhu, kunye nabo nabuphi na obunye ubungcali obuya kwenza ukuba iBhodi izalisekise izibophelelo zayo nalo luyakhuthazwa.

Nabani na onqwenela ukonyula abantu ukuba basebenze njengamalungu eBhodi yeeLwimi yoMzantsi Afrika kufuneka angenise okulandelayo:

a) Ileta equlethe amagama apheleleyo, idilesi kunye neenombolo zomnxeba zomonyulwa, enika izizathu zonyulo;
b) Imbali emfutsahne ngomntu esanda kuhlaziywa yomonyulwa, kuqukwa nabantu abathathu ekunokuqhagamshelwana nabo ukungqinisisa ngomonyulwa;
c) Ingxelo emfutshane esayinwe ngumonyulwa, echaza ukufaneleka kwakhe ukuba onyulwe.

Unyulo kufuneka lufike kwiKomiti leyo eMiselwe imiSebenzi ethile yoNyulo lwe-PanSALB Private Bag X897 Pretoria 0001 okanye lunokuthunyelwa nge-imeyile e pansalbnominations@dac.gov.za. Umhla wokuvala wonyulo ngowe-21 Agasti 2016.

**Umntu ekuqhagamshelwana naye: Mnu Sibusiso Tsanyane ku-012 4413492**